URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Devigi Pillay
ICandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo
Devigi.Pillay@westerncape.gov.za | 021 467 2477

Inombolo yefayili: 3/3/R
Isalathiso: 20221128-9420

ISetyhula: 0046/2022
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isishwankathelo esifutshane: *Amatheko okuphela konyaka namathuba okukhululwa emsebenzini ngo-2022.*

ISihloko: Amatheko okuphela konyaka namathuba okukhululwa emsebenzini kubaqeshwa bakwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili ngo-2022

1. Ukungqinelana nesikhokelo samasebe ngamasebe esimalunga namatheko okuphela konyaka, iKomiti yeSigqeba soLawulo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni imisele esi sikhokelo silandelayo:

1.1 Abaqeshwa baya kuvunyelwa ukuba baye kwitheko **elinye** lokuphela konyaka ngethuba lonyaka leeholide nolonwabo.

1.2 Ngokumalunga neendleko, abaqeshwa kuya kufuneka bazihlawulele iindleko zabo kula matheko okuphela konyaka.

1.3 Itheko lokuphela konyaka linokuba lulo naluphi na uhlobo kodwa **alinakuqala phambi ko-11:00.** Abaqeshwa banokugoduka kanye ngqo emva kwetheko elo.

1.4 Izithuthi ze-*Government Garage* **azinakusetyenziselwa le njongo** njengoko abasebenzi beya kuthathwa ngokuba **abakho msebenzini** ngethuba letheko elo.

1.5 Ngelishwa, akukho zicelo zizezinye ziya kuvunywa ezimalunga nethuba lokukhululwa ukuya kuthengela iKrismesi okanye ukuya kuwo nawaphi na amanye amatheko.

1.6 Makwenziwe amalungiselelo amatheko okuphela konyaka ngokubambisana nabaphathi bamacandelo *(line managers)* abachaphazelekayo (abakwinqanaba labalawuli) yaye abalawuli mabenze amalungiselelo ayimfuneko ukubonelela ngeenkonzo ezibalulekileyo ukuqinisekisa ukuba iyaphendulwa yonke imibuzo.

2. Abaqeshwa abayayo kula matheko okuphela konyaka bayacelwa ukuba babenenkathalo, yaye bakhuseleke ngokunjalo.

3. Niyacelwa nazise ngokuqulethwe yile setyhula bonke abaqeshwa abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-12-10